

IMVELAPHI – ulwaziso lwengwe-nkala (*acinonyx jubatus*)

Imbali:

Ingwe-nkala yeyona kati kwezinkulu zaseAfrika ejamelene nentshabalalo ikwa kuluhlu olukhuselweyo kumazantsi eAfrika. yaziwa njenge jamelene nentshabalalo phantsi kwe United States “Endangered Species Act” ikwakuluhlu oluku Cites Appendix 1. (u-Cites Convention on International Trade in Endangered Species.) Ngumbuso ojongene, ngeliso elibukhali, norhwebo lwezilwanyana zasendle. uAppendix1 ubonakansa ukuba esi isilwanyana sibekwa esichengeni lurhwebo sikwa nasengozini yentshabalalo.

Iimpawu:

Eyona kati indala ehlabathini, inawona mathambo madala afumanekayo angama 3.5-4 ezigidi zeminyaka ubudala. Ingwekala sesona silwanyana sinobuchule nesiziqhelanisele ukubaleka ngamandla, inamendu afikelela kwi110-120 eekhilomitha ngeyure ingwe-nkala sesona silwanyana sibaleka ngamandla kwizilwanyana zasemhlabeni. Ngenkangeleko, iingwenkala zakhiwe ukuze zibe nobunzima obulula, lonto yenze ukuba zibe zezona kati zincinane ngokomziba kwiikati ezinkulu, zinobunzima obungama35-45 eekhilogramu kwiimazi ukuze iinkunzi zibe kuma45-60 eekhilogramu. Zinemizimba emide ecuthekileyo nemilenze imide ebhityileyo. Ubuncinane bazo nolwakhiwa lwazo yenye yeendlela ezahlukaniswa ngazo kwenye ikati yaseAfrika emabala-bala ingwe emabala-bala. Ingwe emablal-bala xa ithelekiswa nayo imfutshane yakheke ukuba ibenzima, inolwakhiwo mathambo olunzima, inezihlunu ezkhulu. Ingwenkala inamalunga namabala amnyama angamawaka amathathu agquma umzimba wayo wonke, kudibene noboya bazo obufuntshane, obubomvu-mthubi, oku kuyifihla kwiindawo ngeendawo. Iingwe ezimabala-bala zinabala amdaka arhangqwe zizangqa ezingagqibelelekanga ezimnyama-ezibizwa ngeerosette-emqolo nasemacaleni. Ezona mpawu ezibonwa ngazo iingwenkala ziimpawo zweenyembezi ezibaleka ukusuka emehlweni azo ukuya emilonyeni yazo.

Ukuziphatha:

Ingwenkala ibulala ezinye izilwanyana ukuze ibenakho ukutya, lonto ibangele sizibize njenge zizingeli(predators), zizingela emini ngenxa yamendu azo kwanokuba zifumaneka kakhulu kwimihlaba engenamithi enengca. Ixesha elininzi ziba ngoozimele geqe maxa wambi zakhe amaqela esizalo esinye seenkunzi. Iimazi zihlala iminyaka emibini namantshontsho azo ziwafundisa ukuzingela nokuphepha ezinye izizngeli-kutya, iyinto engazalwa iyazi/inayo ingwenkala. Ngolwakhiwo olukhaphukhaphu kulungiselelwa amendu, ingwenkala ayikulungelanga ukulwa, ikhetha ukuyi baleka ingozi, lonto isenza sizazi njengezilwanyana ezingaqali mlo. ngako oku kuphepha kwemilo nezinye izizingeli-kutya, ingwenkala siso sodwa isizingeli-kutya esingazelwa kuhlasela abantu endle.



ULUHLU LOKUQALA: uthelekwaniso lolwazi jikelele

	INGWENKALA	INGWE ENAMABALA	INGONYAMA	INGQAWA	INGWE	IKATI YASEKHAYA
IKATI YASEKHAYA	<i>Acinonyx jubatus</i>	<i>Panthera pardus</i>	<i>Panthera leo</i>	<i>Felis caracal</i>	<i>Panthera tigris</i>	<i>Felis domesticus</i>
IZIMO ZEEZANTLUKWANO	<ul style="list-style-type: none"> Umzimba omde obhityileyo. Ufele olumthubi-bomvu olunamabla amnyama tshu. Iimpawu ezimnyama zeenyembezi ebusweni. Intloko encinci. Amehlo amthubi. Amazipho angabuyi kwaphela. 	<ul style="list-style-type: none"> Eyona kati inkulu kwezimabala, imfutshane inkulu. Ufele luphawulwe ngamabala amdaka arangqwe ngamnyama. Ainazo iimpawu zeenyembezi. Inentloko enkulu inomhlathi omkhulu. Amehlo aluhlaza. Inamazipho abuyayo. 	<ul style="list-style-type: none"> Esona silo sita inyama sikhulu eAfrika. Ufele olumpofu / bomvu-mthubi lonke. Iinkunzi zineeziingci ezide. Umsila ubanesiphelo esimnyama maxa wambi. Inamazipho abuyayo. 	<ul style="list-style-type: none"> Umzimba omde obhityileyo. Ufele lomthubi-ngwevu ukuya kobomvu-mdaka. Imisila emifutshane, etsojisiweyo. Iindlebe ezicuthekileyo ezitsoro. Zineentshinga ezinde ezimnyama ezindlebeni(4.5 cm) Imilenze yangesemva mide kune ngaphambili. Ineenzipho ezibuyayo. 	<ul style="list-style-type: none"> Eyona kati inkulu kuzo zonke. Imigca emnyama efeleni eli-orenji. Inkunzi zinesazinge esiphawuleka lula esijikeleza intamo. Ineenzipho ezibuyayo. 	<ul style="list-style-type: none"> Zikwiikati ezincinci. Ziyimibala ngemibala neemfuziselo ezahlukileyo. Zinamazipho abuyayo.
UBUNGAKANA NI	<ul style="list-style-type: none"> Ubude obupheleleyo: 180-220cm Ubude bomzimba wendala: 112-135cm Ubude bomsila: 60-80cm Ubude ukuya egxalabeni: 73-80cm Ubunzima : 30-45kg (Imazi) 45-60kg (Inkunzi) 	<ul style="list-style-type: none"> Ubude bomzimba: 91-243cm Ubude bomsila: 68-110cm Ubude ukuya egxalabeni: 70-80cm Ubunzima: 17-60kg (Imazi) 20-90kg (Inkunzi) 	<ul style="list-style-type: none"> Ubude obupheleleyo: 230-270cm (Imazi) 250-330cm (Inkunzi) Ubude bomsila : 100cm Ubude ukuya egxalabeni: 100cm (Imazi) 120cm (Inkunzi) Ubunzima: 110-152kg (Imazi) 150-225kg (Inkunzi) 	<ul style="list-style-type: none"> Ubude bomzimba: 60-92 cm (Imazi) 80-105cm (Inkunzi) Ubude bomsila: 20-35cm Ubude ukuya egxalabeni. 40-50 cm Ubunzima: 11-15 kg (Imazi) 13-20 kg (Inkunzi) 	<ul style="list-style-type: none"> Ubude bomzimba : 119-170cm (Imazi) 170-290cm (Inkunzi) Ubude bomsila: 53-119cm Ubude ukuya egxalabeni: 85 - 124cm Ubunzima: 75-300kg Sumatran – Siberian 	<ul style="list-style-type: none"> Ubude bomzimba: 40-50cm Ubude bomsila: Buxhomekeke kuhlobo lwekati Ubude ukuya egxalabeni: Buxhomekeke kuhlobo lwekati. Ubunzima: 3-5 kg ngokwesiqhelo
IIMMANDLA EZIFUMANEKA KUYO	eAfrika: amazwe ali-26 e-Iran: zingama-200	eAfrika: Zithe sa. Zikwakho nasemazantsi eAsia, eMpuma naseArabia.	e-Afrika: eMazantsi / kumntla, zibemalwa eAsia.	e-Afrika e-Asia, e-Turkestan, e-Mntla-ntshona waseIndia, naseArabia.	Ayifumaneki eAfrika: e-India, e-China nase-Indonesia	Zifumaneka zikelele apho abantu bathe bazinza khona.
IINDAWO EZIHLALA KUZO	Iindawo ezinengca, imimandla engenamithi eshushu, amahlthana, kwimmandla enamatyholo iindawo ezineendulu. Uninzi luphila ngaphandle kweendawo ezikhuselweyo.	Inezonaziqhelaniso ziphangaleleyo-iindawo zokuhlala ziquka amahlathana, immandla esezantsi, amahlathi, iintaba, immandla eshushu engenamithi izithabazi ezinganamithi ezomileyo.	Ivumeleka kwiimmandla emininzi; amathafa anengca, amahlathana omileyo neimmandla entlangwarha. (Ayifumaneki emahlathini.)	Ifimaneka kwiindawo ngeendawo ukususela kwimimmandla engenamithi eshushu ethe sa namahlathana ukuya kwiindawo ezomileyo. Azifumaneki emahlathini.	Azifumaneki kwiimandla evulekileyo, zithanda ukuphila kwiintlobo ngeentlobo zamahlathi nakwimimmandla emanzi, apho zifumana amanzi nokhusi.	Apho abantu bahlala khona.
IXESHA EZISEBENZA NGALO	Zizingela ngentsasa nasemalanga.	Zizingela emini nasebusuku	Zizingela emini nasebusuku.	Zizingela isikakhulu ebusuku, kodwa zilithatha nethhuba elifikileyo emini.	Zizingela ngobusuku.	Zisebenza ebusuku isikakhulu.
UBUNGOZI EBANTWINI	Azinabungozi ebantwini.	Zinakho zikwabahlasela abantu.	Ziyingozi ebantwini.	Azinabungozi ebantwini.	Ziyingozi ebantwini.	Aziyongozi ebantwini.



Ingwenkala
(cheetah)



Ingonyama
(lion)



**Ingwe
Emabala-bala**
(leopard)





Inogqawa
(Caracal)



Inogwe
(tiger)

**Ikati
Yasekhaya**
(Domestic Cat)

